

VAKALISA ULUVO LWAKHO

INkqubosikhokelo yeZemali esiHlaziyiweyo sika-2026 kunye neZindululo zeNgeniso (INgxelo yoMgaqonkqubo woHlahlolwabiwo-mali lweXesha eliPhakathi) [MTBPS].

Ikhwelo leZingeniso kunye neZimvo zoLuntu

IKomiti esiSigxina yeZemali kunye neKomiti eKhethiweyo yeZemali imema abachaphazelekayo kunye namaqela anomdla ukuba angenise izimvo ezibhaliweyo malunga neNkqubosikhokelo yeZemali eHlaziyiweyo ka-2026 kunye neZindululo zeNgeniso eziza kuthiwa thaca etafileni ngomhla wama-21 kweyeDwarha 2026 kunye ne-MTBPS.

UMphathiswa wezeMali (uMphathiswa) uza kuthi thaca iNgxelo yoMgaqonkqubo woHlahlolwabiwo-mali lweXesha eliPhakathi lika-2026 (i-MTBPS) phambi kwePalamente ngomhla wama-21 kweyeDwarha ka-2026 ngokwecandelo lama-28 loMthetho woLawulo lwezeMali zikaRhulumente 1 ka-1999 (i-PFMA). Oku kufuna ukuba uMphathiswa athi thaca iingqikelelo zohlahlolwabiwo-mali lweminyaka emininzi zengeniso, inkcitho kunye neengqikelelo ezibalulekileyo zoqoqosho oluphambili rhoqo ngonyaka. UMphathiswa uza kuhlangebezana noxanduva lwakhe phantsi kwecandelo 6(1) loMthetho weNkqubo yokuLungiswa kwemiRhumo yeZemali kunye neMiba eNxulumeneyo 9 ka-2009 ofuna ukuba uMphathiswa athumele ePalamente i-MTBPS.

Kuza kubanjwa iintlanganiso zokuva uluvo loluntu kwi-intanethi ngoLwesithathu, umhla wama-28 kweyeDwarha ngo-2026.

Izimvo ezibhaliweyo, kunye nenkcazelo yokuba unqwenela ukwenza intetho ngomlomo, kufuneka zingeniswe ngentsimbi ye-12:00 ngoMvulo, umhla wama-26 kweyeDwarha ngo-2026.

Izingeniso kufuneka zibhekiswe kooNobhala beKomiti, uMnu Allen Wicomb (iKomiti esiSigxina yezeziMali), uNks Lwazikazi Ntinzi (iKomiti esiSigxina yezeMali) kunye noMnu Nkululeko Mangweni (iKomiti eKhethekileyo yezeMali), kuMgangatho wesi-3, iSitalato i90 Plei, eKapa, 8000 okanye ku-awicomb@parliament.gov.za / Intinzi@parliament.gov.za kunye no-nmangweni@parliament.gov.za Iselula. 071 363 2349/ 061 438 9448 okanye ifeksi: (021) 403-3942.

likopi ze-MTBPS ka-2026 ziya kufumaneka ngomhla wama-21 kweyeDwarha ka-2026 kwiwebhusayithi kaNondyebo weSizwe ku-www.treasury.gov.za .

Ikhutshwe ngoHloniphekileyo uMJ Maswanganyi, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti esiSigxina yezeMali (iNdlu yoWisomthetho yeSizwe) kunye noHloniphekileyo uS Ndhlovu, iLungu lePalamente, uSihlalo weKomiti eKhethiweyo yezeMali (iBhunga leSizwe lamaPhondo).